**ISIGANEKO KWINDLU I -HUIS MARAIS**

Ngomhla we-17 ku-Meyi 2022

Imibuliso kubafundi nabalingane,

Ngoku niyazi kakuhle ngesiganeko esithathwe ngevidiyo yeselfowuni kwindawo yokuhlala i- Huis Marais ngentsasa yangeCawa. Ngokuqondakalayo, le meko iye yafumana ingqalelo ebalulekileyo kumajelo eendaba.

Isiganeko esothusayo nesinxunguphalisayo e-Huis Marais asamkelekanga kwaphela nangayiphina imigangatho, kwaye ndiyayigxeka kabukhali le nto yenzekileyo. Le ndlela yokuziphatha ayinyamezeleki kwaye ingasayi kunyamezelwa. Ndiyaxolisa kakhulu malunga nentlungu ebangelwe sesi siganeko.

Eyona nto iphambili kwiYunivesithi yaseStellenbosch (SU) kukubonelela ngobume obuqukayo kubo bonke abafundi nabasebenzi ngokunjalo, ukugcina uluntu lukhuselekile apho umanyano loluntu lukhuthazwayo, nokubonelela ngemfundo esemgangathweni kumaziko emfundo ephakamileyo kumntu wonke.

I-Yunivesithi iyixabise ngokunzulu intlonipho, uvelwano, ulingano, ukuthembeka, ukugqwesa kulo lonke unxibelelwano nokuziphatha. I-SU iyigxeka kabukhali nayiphina indlela yokuziphatha etshabalalisayo okanye ecalulayo nenyhasha amalungelo awo nawuphina umfundi okanye ilungu loluntu lweYunivesithi. Isidima somntu asixoxisi kufuneka sihlonitshwe, sigcinwe kwaye sibuyiselwe xa sichaphazelekile.

Ndingathanda ukunazisa malunga nalapho simi khona ngale meko:

- Umfundi othathwe kwividiyo unqunyanyisiwe kwiYunivesithi ngoMvulo. Umfundi lowo akasahlali kwindawo yokuhlala.
- Olunye uphando olukhawulezileyo nolunzulu kungoku nje lulawulwa yiYunithi yoLingano kwaye yiyo eya kugqiba ngesiphumo sokugqibela.
- IYunivesithi yaseStellenbosch izimisele ukulixhasa ixhoba lesi siganeko ngezixhobo, imathiriyeli, neengcebiso ukuqinisekisa ukuba inkqubela yalo kwizifundo ayichatshazelwa sesi siganeko.

Ngeli xesha uphando lufumana ingqwalaselo ephambili, kubalulekile ukuba ulawulo olucokisekileyo kunye neenkqubo zilandelwe ukuze kufikelelwe kwisiphumo esiqinisekileyo esiya kuvumela umda opheleleyo womthetho ngokunjalo, nokuthotyelwa kwemigaqo yolawulo lweYunivesithi. Ukugxothwa okusisigxina kunye/okanye izityholo zolwaphulo-mthetho ziziphumo ezilindelekileyo ngokusekelwe kwiziphumo zophando.

Nangona iYunivesithi isigxeka kabukhali nje esi siganeko kubandakanya nesikhalo esiqondakalayo nesibalulekileyo soluntu, ngokunjalo umthetho ufuna kulandelwe iinkqubo ezifanelekileyo, ukuze kufunyanwe isiphumo esiluqilima nesikhuselekayo kule meko siyiphetheyo. Isiphumo sokugqibela kufuneka sivule indlela yokuthintela nakuphina ukuphindwa kokunyhashwa okufana noku kwelungelo lokubanesidima komntu kwiikhampasi zethu.

Abafundi nabasebenzi bayakhuthazwa ukuba basazise nangasiphina isiganeko, apho isidima sabo kunye namalungelo abo athi achaphazeleke, ngokuxela isiganeko eso kwiYunithi yoLingano ukuze

sikwazi ukuqubisana naso ngokwaneleyo. Klika apha ukufumana ulwazi olongezelelweyo malunga nemibutho ekhoyo.

Umbandela we-Huis Marais ngumbandela ophambili kulawulo nabaphathi be-SU. Siyixabisile impilo-ntle yabo bonke abafundi nabasebenzi. Uthetha-thethwano olongezelelweyo luya kwenzeka nje ukuba kufikelelwe kwisiphumo sokugqibela.

Phambili kunye,

**Njing. Wim de Villiers**
**INqununu neSekela- Ngqonyela**